PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA ULUVO LWAKHO

## UMTHETHO OYILWAYO WOKWABIWA KWENGENISO WOWAMA2026 NOMTHETHO OYILWAYO WOLWABIWOMALI OLUKHETHEKILEYO WOWAMA2025/26

## UKUNGENISWA KWEZIPHAKAMISO NOVAKALISOZIMVO



IKomiti esiSigxina yoLwabiwomali imema abachaphazelekayo nemibutho enomdla ukuba ingenise iziphakamiso ezibhaliweyo malunga noMthetho oYilwayo woKwabiwa kweNgeniso wowama2026 (uMthetho oYilwayo) noMthetho yoLwabiwomali oluKhethekileyo wowama2025/26 ethiwe thaca kunye noHlahlolwabiwo mali lowama2026/2027 nguMphathiswa wezeMali ngomhla wama25 kweyoMdumba 2026.

INkqubosiHlomelo yeMithetho yeMali noMthethosiHlomelo eNxulumene nawo, onguNombl 13 wama2018, ufuna ukuba iPalamente ibambe iindibano zovakalisozimvo ize yenze ingxelo malunga nale Mithetho eYilwayo phambi kwayo. UMthetho oYilwayo woKwahlulwa kweNgeniso ubonelela ngokwahlulwa ngokulinganayo kwengeniso eqokelelwe kwilizwe lonke kwibakala lorhulumente wesizwe, wephondo nowamakhaya kulo nyakamali uchaphazelekayo noxanduva lwawo omathathu amababakala angqamene nolo lwahlulo; uze ubonelele ngemiba enxulumene noko. UMthetho oYilwayo woLwabiwomali oluKhethekileyo wowama2025/26 waba izixa zemali ngokweemfuno zikaRhulumente kunyakamali wama2025/26; uze ubonelele ngemiba enxulumene noko.

Iindibano zovakalisozimvo ziya kwenzelwa **eWestville Community Hall, Durban (KZN)** yiKomiti esiSisigxina yoLwabiwomali ngoLwesibini, **umhla we17 kweyoKwindla 2026 ukususela ngentsimbi ye9h00 ukuya kweye15h30.** Abantu bayamenywa ukuba baye kwiindibano zovakalisozimvo ukuze benze iintetho okanye bathumele iziphakamiso ezibhaliweyo malunga nale Mithetho eYilwayo.

Iziphakamiso kufuneka zingeniswe ngqo kuNobhala weKomiti, uMnu Mashile Maubane, ngeimeyile ku-amaubane@parliament.gov.za nakuMnu Denver Woodington dwoodington@parlliament.gov.za. Iziphakamiso kwakhona zingafakwa ngesandla kwiPalamente yeRiphabhliki yoMzantsi Afrika, eVisitor`s Centre, eGround Floor, 90 Plein Street, eKapa.

**Umhla wokuphelelwa kokungeniswa kweziphakamiso yintsimbi ye15:00 ngoMvulo, umhla we16 kweyoKwindla 2026.**

Iikopi zoMthetho oYilwayo woKwabiwa kweNgeniso wowama2026 noMthetho woLwabiwomali oluKhethekileyo yowama2025/26 zikhona ku **www.treasury.gov.za** okanye ku **www.parliament.gov.za.**

**Sikhutshwe ngu: Gqr M Maimane, iLungu lePalamente,**
uSihlalo weKomiti esiSigxina yoLwabiwomali (kwiNdlu yoWisomthetho yeSizwe).